Isalathiso: 20190522-4966
Inombolo yefayili: 6/1/5
Imibuzo: T Diketane

ISetyhula: 0022/2019
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kumaSekela Balawuli beeNkonzo zamaZiko eZithili, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, nakwiiNqununu nooSihlalo bamabhunga olawulo ezikolo eziqhelekileyo kunye nezikolo zikarhulumente zemfundo eneemfuno ezizodwa

Isishwankathelo esifutshane: *Utshintsho kwinkqubo yokufumana imvume yeeplani zokwakha ukwenzela iprojekthi yokwakha (iiprojekthi zokwakha) kwizikolo zikaRhulumente wePhondo leNtshona Koloni kwipropathi karhulumente.*

Isihloko: Umgaqo wokufumana imvume yaseburhulumenteni yeeplani zokwakha ukwenzela iprojekthi yokwakha (iiprojekthi zokwakha) kwizikolo zikaRhulumente wePhondo leNtshona Koloni kwipropathi karhulumente

1. Le setyhula mayifundwe kunye neSetyhula 0008/2019.

2. Injongo yale setyhula kukwazisa zonke izikolo zeSebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED*) ezikumhlaba nezisebenzisa izakhiwo zikarhulumente ngotshintsho kumgaqo olandelwayo wokufumana imvume yaseburhulumenteni yezicwangciso zokwakha ukwenzela iprojekthi yokwakha (iiprojekthi zokwakha) ezikolweni.

3. Kwixesha elidlulileyo, iiplani zokwakha (*building plans*), ezazikhapha izicelo eziya kuMphathiswa zokufumana imvume yeprojekthi yokwakha (yeeprojekthi zokwakha) kwizikolo ngokweSetyhula 0008/2019, zangeniswa kwiSebe lezoThutho neMisebenzi kaRhulumente (*Department of Transport and Public Works*) (*DTPW*) yi*WCED* ukwenzela ukufumana imvume yaseburhulumenteni egameni lezikolo.

4. Nakuba kunjalo, zonke iiplani zokwakha ezenzelwa iprojekthi yokwakha (iiprojekthi zokwakha) kwizikolo kufuneka kwakhona zingeniswe koomasipala basekuhlaleni ukwenzela ukuba zibe nokuvunywa ngokusemthethweni, njengoko ingoomasipala basekuhlaleni kuphela abagunyaziswe ukuba bakhuphe "isatifikethi esijongene nezemililo kwisakhiwo" ("*fire certificate*").

5. Iiplani zokwakha kufuneka kwakhona zikhaphe izicelo zokufumaneka kwemvume yoMphathiswa yeprojekthi yokwakha (yeeprojekthi zokwakha) ezikolweni, njengoko i-

DTPW ifuna ukuphonononga iiplani zokwakha ezichaphazelekayo ngokwesikhokelo semimiselo nemigangatho (*norms and standards guidelines*). I-*DTPW* iya kwazisa isikolo/igcisa elingumakhi (*architect*) ngazo naziphi na iingcebiso apho kufanelekileyo.

6. I-*WCED* icebisa ukuba izikolo/igcisa elingumakhi ukuba malilindele ukuva kwi-*DTPW* phambi kokungenisa iiplani zokwakha kumasipala okufutshane ochaphazelekayo ukwenzela ukuba zivunywe ngokusemthethweni ukunqanda ukuba zingaphindi zingeniswe kwakhona.

7. Iyabethelelwa kwakhona into yokuba makungabikho msebenzi wokwakha omawuqalise kwisayithi ade abe uyisanele iprojekthi echaphazelekayo uMphathiswa weMfundo wePhondo leNtshona nomasipala wasekuhlaleni abe uzivume ngokusemthethweni iiplani zokwakha.

8. Ukuthintela ukuba nobutyala kwesikolo, kwebhunga lolawulo kunye ne*WCED*, izikolo mazilandele inkqubo esemthethweni ngokweSetyhula 0008/2019, ngenxa, kodwa kungaphelelanga, kumenzakalo, kwiindlela zokwakha/kwizinto zokwakha ezingekho semgangathweni, njl. njl.

9. Kucelwa wazise okukule setyhula bonke abasebenzi namalungu amabhunga olawulo ukuze akuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-BK SCHREUDER
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2019-06-14